

# Vuk'uzenzele

Ipapashwe liZiko lezoNxibelelwano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (GCIS)

English/isiXhosa

EyeThupha 2022 Ushicilelo 1

## Ukuxhobisa abasetyhini ngokwezolimo



**UGqr Ethel Zulu** nguye okhokhela phambili kwifama yakhe nalapho akhulisa khona imifuno kunye neenkukhu ezikhuliswa ngokwendalo azozithengisela iivenkile ezinkulu.

Picture supplied by Dr Zulu.

### Owen Mngadi

**U**Gqr Ethel Zulu ngumlimi omncinci obalaseleyo nokhulayo.

Lo mfama usebenzisa ulwazi lwakhe olunzulu kwezesondlo olukhatshwa yiminyaka yamava ukufuya iinkukhu kunye nokuvelisa imifuno enesondlo sendalo kwifama yakhe, ngenjongo yokuxhobisa abanye abantu basetyhini ukuba babe

ngamafama orhwebo.

UGqr Zulu (48) onesidanga sobugqirha kwezesondlo, unefama enomhlaba oziihekare ezilinganiselwa kuma-23 e-Cullinan ngaphandle kwa- sePitoli, nalapho atyale ekwakhulisa khona imifuno kunye neenkukhu ezikhuliswa ngokwendalo. Le mifuno kunye neenkukhu uzithengisela iivenkile eziligela noko.

Le fama yakhe ikwamkela

abafundi abangama-20 abaqhuba izifundo zezolimo ukuze bafumane uqeqesho kwezolimo. UGqr Zulu wayeka umsebenzi wakhe kwiSebe lezoLimo eMntla Ntshona ukuze aqalise i-arhente yoqeqesho ebizwa ngokuba yi-*Hope Nutrition Business Consultants*.

Kwakusemva kokuba efudukele e-Gauteng kodwa wangawufumana umsebenzi njengengcali yezondlo.

Unothingo olukhulu

kwezolimo kwaye umbono wakhe kukufumana abasetyhini abaninzi kangango-ko kunokwenzeka ukuba bangene kwezolimo. Ukwa- kholelwa ukuba eli candelo lezolimo linamandla okuxhobisa nokudala imisebenzi.

“Ndisebenze iminyaka esisibhozo, ndisebenza namagosa ezolimo, kwaye sele sincede amafama amaninzi ngokhuseleko lokutya, ucoceko kunye nesondlo. Ulimo kwakusoloko kuyeyonanto endiyithandayo ukususela ndisemncinane, kwaye andizange ndake ndacinga ukuba ikhona enye into endingayenza ngaphandle kwezolimo.”

Esebenzisa i-arhente yakhe yoqeqesho, uGqr Zulu uchaze wathi sele esebenze kumaphondo amathandathu, enceda abasetyhini kunye nolutsha ukuba baqhube imisebenzi yabo yobufama.

### Ukufuya iinkukhu ngenjongo yokuzithengisa

“Ngonyaka wama-2017, uGqr Zulu waqaphela ukuba uqeqesho lwakhe alunantsingiselo xa lungazuba

naziphumo. Kulapho ke weza nesigqibo sokuthenga ifama ukuze asebenzise ulwazi lwakhe ngendlela ezokwazi ukukhupha iziphumo ezibonakalayo.

Sithetha nje namhlanje, sele engumfama wenkukhu orhwebayo oneenkukhu zenyama ezingaphezulu kwama-7 500. Nangona ngokuya wayesaqala olu shishino isicwangciso sakhe yayikukuvelisa imifuno etyalwe ngokwendalo nje kuphela.

“Mna iinkukhu ndandizifunela ukuba nomgquba. Ndandidla ngokuya ezindlini zabantu ndiyokuthatha umgquba ukuze ndigcine imifuno yamikhula ngesikhuthazi sendalo. Wavela ngolo hlobo ke lo mbono wokufuya iinkukhu. Kwisithuba nje seminyaka emibini, sakwazi ukuvelisa iinkukhu zenyama ezingama-5 000 kulapho ke saqalisa khona ukuthengisela iivenkile ezinkulu zasekuhlaleni.”

**Liqhubeka kwiphepha lesi-2**



**Owasetyhini ongowokuqala eMzantsi Afrika ukuba yi-paratrooper**

**Iphepha lesi-10**




**ULesedi Ledwaba ulithathe walibeka kwindawo ephezulu ishishini lokwakha**

**Iphepha lesi-11**

**Ukufunda uVuk'uzenzele khuphela i-GOVAPP kwi:**

Khangela u- SA Government kwi Google playstore okanye kwi-appstore

**QHAGAMSHELANA NATHI**  Vuk'uzenzele  @VukuzenzeleNews

Iwebhusayithi: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za) I-imeyili: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za) Inombolo yomnxeba: (+27) 12 473 0103

**Tshedimosekiso House:**  
 1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

## Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

Wongeze wathi iinkukhu zakhe uzikhulisa ngokukhululekileyo azikhonkxwa ziyahamba-hamba zisitya ukutya kwendalo kwaye azitofwa ngezikhuthazi mzimba. Usebenzisa umgquba wenkukhu ukulima imifuno efana nesipinatshi, ibrokholi, ikhaphetshu kunye neepepile.

Ukongeza kwiiivenkile ezinkulu, uGqr Zulu ukwathengisela abathengisi basesitalatweni. Ushishino lwakhe lube yimpumelelo

kangangokuba uqeshe abasetyhini abali-12 ngokusisigxina.

Ngokutsho kukaGqr Zulu, ukufuya iinkukhu lelona candelo libaluleke kakhulu kweli lizwe, njengoko iintsapho ezininzi zisitya inyama yenkukhu ngaphezu kwayo nayiphi na enye inyama.

Rhoqo ngonyaka, uGqr Zulu unethemba lokuqeqesha abantu basetyhini abangaphaya kwe-1 000 kwezobufama kwilizwe liphela. Ukwazimisele ukuba ngomnye wabafuyi nabavelisi abathenjweyo eMzantsi Afrika abafuya iinkukhu kwaye batyale nemifuno

ngendlela yendalo.

Ucebisa abasetyhini abo banqwenela ukuba ngamafama ukuba babebeqalisa kancinci kancinci, bangalindi inkxaso karhulumente. "Xa inkxaso karhulumente ikufumana, mayibe yinto ekunika amandla okukhuliswa kwento esele ikhona. Ukuba ngaba ufuna ukufuya iinkukhu ezingama-3 000, akukho nto inokunqanda ukuba uqalise ngama-20. Yiya kwiivenkile ezinkulu zengingqi ukuze ufumane iinkcukacha zazo, ubuze ngomgangatho wenyama eziwufunayo kwaye nisebenze njengendibaniselwano yamaqela ukuze

nikwazi ukuhlangabezana neemfuno zomgangatho wenyama efunekayo kunyenenani lazo," wongeze watsho.

## Ukuxhobisa abasetyhini ngokwezolimo

UGqr Zulu ukholelwa ukuba ezolimo zingadlala indima ekuxhobiseni ababhinqileyo kwezoqoqosho nokudala amathuba emisebenzi kubantu basetyhini.

"Xa uxhobisa umntu obhinqileyo, uxhobisa isizwe. Kuba siyakwazi ukwabelana ngolwazi, kwaye siyakwazi ukuba-

ndakanya abantu abaninzi."

Uhambisa athi abasetyhini akufuneki baphelele kwinqanaba lwezolimo lokuqala nje qha, kodwa kufuneka bajonge eminye imiba yeshishini efana nokuvelisa kwakhona ezinye izinto zezolimo, ukupakisha kunye nokuthengisa kwakhona.

"Ukuzimela ngokwasezimalini kuphela kwento enokusinceda siphelise isibetho sobundlobongela obusekelwe kwisini ngokuthi abasetyhini bazi-bandakanye kwezolimo, phakathi kwezinye izinto," utshilo uGqr Zulu.

# Amashishini asakhasayo abongozwa ukuba afake izicelo zenkxaso

## Nosihle Shelembe

Umpathiswa woPhuhliso lwamaShishini amaNcinci, uStella Ndamabeni-Abrahams, ukhuthaze oosomashishini abasakhasayo ezilokishini nasezilalini ukuba bafake izicelo zenkxaso besebenzisa inkqubo yoSomasishishini Basezilokishini naseMaphandleni (i-TREP).

"Sizimisele ukukhawulelana nentswela-ngqesho nentlupheko, kodwa sikwanoxanduva lokukhulisa uqoqosho," utshilo umphathiswa uNdabeni-Abrahams.

Esenza intetho yakhe kwiNkomfa yoLutsha ye-SheTradesZA ebibanjwe kutsha nje ePitoli, umphathiswa uthe elona xabiso lesixha-mali liphezulu le-TREP likwisigidi seerandi, nangona kukho icala elisisibonelelo nelinye eliyimali-mboleko.

Oosomashishini basezi-

lokishini okanye abahlala emaphandleni bangakwazi ukufaka izicelo zenkxaso, kubandakanywa inkxasomali, ngokusebenzisa ifomu yesicelo efanayo kwi-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci (i-SEDA), i-Arhente yezeMali yamaShishini amaNcinci (i-SEFA), iNgxowa-mali yokuXhobisa yeSizwe (i-NEF) kunye ne-Arhente yoPhuhliso loLutsha yeSizwe (i-NYDA).

Abanini bamashishini kufuneka babe ngabemi boMzantsi Afrika.

Ezi nkqubo-nkxaso zilandelayo zingafunyanwa ngoosomashishini abafanelekileyo:

- Inkqubo yenkxaso yokubhaka izonka namakhekhe kwizinga eliphantsi
- Inkqubo yenkxaso yokulungiswa kwemoto ngaphandle nangaphakathi (kwakunye neevenkile ezincinci nezizimeleyo ezithengisa izixhobo zemoto kunye noosomashishini abangekho

sikweni abashishina ngezixhobo zemoto)

- Inkqubo yenkxaso yezi-larha
  - Inkqubo yenkxaso yempahla, ufele kunye namalaphu
  - Inkqubo yenkxaso yokhathalelo lomntu
  - Inkqubo yenkxaso yeevenkile ezincinana, iziphaza
  - Inkqubo yenkxaso yeTshisanyama kunye nokutya okuphekiweyo
- Ubhaliso lungenziwa ku-[smmesa.gov.za](http://smmesa.gov.za) kwaye ugcwalise inkcukacha ezifunekayo.

Kwiinzame zokuqinisekisa ukuba iinkqubo zenkxaso-mali kumashishini amancinci azisokolisi kwaye zisebenziseka lula, urhulumente usazama ukudibanisa amaqumrhu amashishini amancinci ukwenza i-arhente enye.

"Kungoku nje sikwiphulo lokudibanisa i-SEFA ne-SEDA kwakunye ne-Arhente yoPhuhliso lweeBhanki zeNtsebenziswano."

## Inkqubo ye-SheTrades

UNdabeni-Abrahams uthe kumaphulo awohlukeneyo urhulumente ukwazile ukuncedisa icandelo lama-shishini asakhasayo ukuze likhule, likwazi ukudala amathuba engqesho afuneka ngamandla.

"ISebe loPhuhliso lwamaShishini amaNcinci kunye ne-SEDA baseke intsebenziswano neZiko loRhwebo lwaMazwe ngaMazwe (i-ITC), ukuze kuziswe inkqubo ye-SheTrades eMzantsi Afrika, nokwakha umbindi we-SheTradesZA.

"Le nkqubo ijolise eku-xhobiseni amashishini aphethwe ngabasetyhini ukuba arhwebe ekuhlaleni, kwingingqi nakumazwe ngamazwe. Eli ziko lixhasa ngokuqinisa izakhono zoshishino kunye nokhuphiswano koosomashishini ababhinqileyo boMzantsi Afrika abangama-10 000 ubuncinane kwisithuba seminyaka emine," utshilo umphathiswa.

Baphantse babe ngama-3 000 oosomashishini ababhinqileyo boMzantsi Afrika abasele bebhaliwiwe kwiZiko le-SheTradesZA kwaye bafumana imfundo kubuxhaka-xhaka be-intanethi simahla kwakunye nokuxhotyiswa ngezakhono.

I-SheTradesZA Hub iza kuphucula ukufikelela kutyalomali kumashishini aphethwe ngabasetyhini kunye nokukhuthaza amathuba oshishino.

"Ukubandakanyeka kwesebe kunye ne-SEDA kwi-SheTradesZA Hub kubonisa ukuzinikela kwethu ekuphuhliseni nasekuqinisekiseni ukuxhotyiswa kwezoqoqosho

kwabasetyhini eMzantsi Afrika," utshilo umphathiswa uNdabeni-Abrahams.

- [SAnews.gov.za](http://SAnews.gov.za)

Ukufumana ulwazi oluthe vetshe nge-SEDA tsalala umnxeba kule nombo-  
lo: **0860 663 7867**  
nge-imeyile [info@seda.org.za](mailto:info@seda.org.za) okanye ungene ku-[www.seda.org.za](http://www.seda.org.za).



government communications

Department: Government Communication and Information System  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: 012 473 0353

Email: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production

Regomoditswe Mavimbela  
[Regomoditswe@gcis.gov.za](mailto:Regomoditswe@gcis.gov.za)

Acting Editor-in-Chief

Zanele Mngadi | [Zanelemngadi@gcis.gov.za](mailto:Zanelemngadi@gcis.gov.za)

Acting Managing Editor

Tendai Gonese | [tendai@gcis.gov.za](mailto:tendai@gcis.gov.za)

News Editor

Noluthando Motswai

Writers: More Matshediso  
Ursula Graaff

Graphic Designers

Tendai Gonese | Benny Kubjana

Production Assistants

Jauhara Khan | Sebastian Palmer

Language Practitioners

Nomgcibelo Motha | Boitumelo Phalatshe  
Thandolunye Khulu | Mahanyele Ramapala

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Vuk'uzenzele

is published by Government Communications (GCIS)



Printed by:



Distributed by:





# Sinako kwaye singakwazi kwenza ngakumbi ukuphelisa ukucinywa kombane



**U**kunkinkishwa kombane ukususelela kwezi veki zimbalwa zigqithileyo, kuye kwaluphazamisa uqoqosho lwethu kananjalo kwabangela ubunzima obugqithisileyo kubo bonke abemi boMzantsi Afrika.

Inqanaba lesi-6 lokunkinkishwa kombane libangelwe yilahleko engaphezulu kwe-18 000 yeemegawathi (ii-MW) zomthamo wokuvelisa umbane, ezi megawathi zilahleke ngenxa yokuqhawuka kweyunithi kunye nogwayimbo olungekho semthethweni lwabasebenzi bakwa-Eskom.

Emva kweminyaka engaphezu kweshumi yokunqongophala kombane, abemi boMzantsi Afrika banelungelo lokuziva bedandathakile kwaye benawo nomsindo. Kuba kaloku ngamaxesha anje, intlantsi yethemba lokuba siyakuze siphume kule ngxaki iyaphela.

Nangona ke kodwa imeko

yokunkinkishwa kombane ibonakala iya ibambi, inyaniso yeyokuba sele sithabathe amanyathelo abalulekileyo okulungisa ukusilela ekuboneleleni ngombane.

Eyona nto iphambili kuthi ngoku kukuzinzisa inkqubo yombane. Xa inkqubo iphucuka nomthamo wokuvelisa ubuyiselwa kwimeko encumisayo, u-Eskom uza kukwazi ukucutha ukucinywa kombane ukuya kutsho kumanqanaba asezantsi.

Isivumelwano ekufikelelwe kuso phakathi kuka-Eskom nemibutho yabasebenzi siza kwenza ukuba kuqaliswe ukulungiswa kwaye kubuyiselwe iiyunithi ezongezelelweyo. Intambo yothumelo esuka e-Cahora Bassa e-Mozambique sele ibuyiselwe, yongeza i-600 MW kwigrudi, kananjalo ngoMgqibelo iYunithi 6 yase-Medupi ibuyele kwakhona iyasebenza, yona yongeza enye i-720 MW. Ezinye iiyunithi ezongezelelweyo kulindeleke ukuba

nazo zibuyele, olu longezelelo luzakunceda ngakumbi ekunciphiseni lo cimi-cimi esijongene naye.

Kwangaxeshanye, ii-arhente zogcino-mthetho zisebenza nzima ukulwa nokonakaliswa, ubusela nobuqhophololo kwa-Eskom ukuze zizisiphule neengcambu zazo izenzo zolwaphulo-mthetho kwinkqubo yombane.

Ekugqibeleni kosuku, kufuneka songeze umthamo ongaphezulu kwigrudi. Oku kuzakunika u-Eskom ixesha lokwenza ulungiso olubalulekileyo nokwandisa ukuthembeka kwezixhobo zakhe. Kwakhona oku kuzakwenza isithinteli esizakusebenza nokuba iiyunithi ezininzi zophuke ngexesha elinye, kodwa eminye imithombo ikwazi ukusetyenziswa.

Elinye lamanyathelo okuqala endawathathayo ngo-2018 yayikukuvuselela inkqubo yokufumana amandla ombane ahlaziyekayo. Ngale nkqubo, yokongeza ukufumana

amandla ombane ahlaziyekayo, ukonyuka kobume belayisenisi yeeprojekthi zokuvelisa kabutsha ukuya kwi-100 MW kuthetha ukuba akuzubakho mfuneko yamaphepha-mvume kubatyali-zimali babucala xa befuna ukwakha amaziko okuvelisa umbane ukuya kutsho kobu bukhulu buzi 100 MW. Ithi ke lento, oku kuxegiswa kwamasolotya kuvula amathuba okungena kotyalo mali olukhulu.

U-Eskom wenze ukuba kufumanekane umhlaba ecaleni kwezikhululo zombane ezikhoyo. Oku ukwenzela ukuvulela amathuba otyalo-mali lwabucala kwii-projekthi zamandla ombane ahlaziyekayo. Uhlenga-hlengiso loyilo lugqityiwe ukuze kuphuculwe ukusebenza kweyunithi ze-Medupi 1, 2 kunye neye-3 kwaye sele luqhubeka kwiiyunithi 5 neye-6.

Ngelixa lama nyathelo ebalulekile, kwaye ezakuvelisa iziqhamo kwezi nyanga zizayo, kusabonakala noko ukuba akonelanga ngokupheleleyo ukumelana nengxuba-kaxaka esijongene nayo.

Okubonakaliswe kwiiiveki ezimbalwa ezigqithileyo kukuba kufuneka senze nangakumbi kwaye sikwenze oko ngokungamisekileyo.

Akukho sizathu sokuba ilizwe elifana nelethu – elinezakhono, amandla kunye nezibonelelo esinazo – kodwa lizifumane likwimeko yokuthwaxwa kukunqongophala kombane.

Kwezi veki zimbalwa

zigqithileyo, besisebenza nabaPhathiswa abafanelekileyo kunye namagosa aphezulu kuluhlu lwamanyathelo ongezwelelweyo ukukhawulezisa zonke iinzame zokwandisa kokuphakwa kombane wethu. Umyalezo ucacile: eli asiloxesha lokucinga ukuba yintlala yenzeka. Kufuneka sisebenze ngenkalipho ukwenza ukunkinkishwa kombane kube yinto yexesha elidlulileyo.

Ngelixa amanyathelo esele siwathathile eza kuqinisekisa unikezelo lombane othembekileyo nofikelekayo kwixesha elizayo, siqwajonge nokuba ngawaphi amanye amanyathelo ongezwelelweyo esinokuwathatha ngoku, ukuze sikhawuleze siphumeze loo njongo yokuphakwa kombani othembekileyo nofikelekayo.

Kungekudala siza kube sigqibezela umsebenzi oneenkukacha kunye nothetha-thethwano olufunekayo ukuze sigqibezele la manyathelo. Siza kuthi ke, kungekudala, sibe nakho ukubhengeza ngokubanzi onke amanyathelo okuphumeza inkqubela ekhawulezileyo ekujonganeni nale ngxaki yokunkinkishwa kombane.

Akukho zisombululo zilula kwingxaki yethu yombane. Kodwa sizinikele kwaye sizimisele ukuphonononga zonke iindlela kananjalo sisebenzise onke amathuba okuqinisekisa ukuba sivelisa umbane owaneleyo okwaziyo ukuhlangabezana neemfuno zelizwe. **U**